

INDLELA EBONELELWE

NGUTHIXO NGALO MHLA



...nje umzuzwana njengoko sithobe iintloko zethu.

Bawo wethu waseZulwini, siyaKubulela ngoYesu Kristu, izithembiso Zakhe ezinkulu Asinike zona. SiyaKubulela ngazo zonke ezi zinto. Siphantsi kolindelo olukhulu apha kwesi sixeko phakathi kwala maKristu alungileyo. Silindele ukuMbona ehamba phakathi kwethu ebonisa ubukho Bakhe, enika abantu ukholo, ebakhuthaza ukuba bakholwe. Yinjongo yethu leyo yokuba lapha, Bawo. Siyazi ukuba sinokukuthemba Wena. Asiyi kudana. Kuba sikucela eGameni Lakhe. Amen.

Ningahlala.

Bendivuya kakhulu ngale ntsasa ukufumana esi sidlo sakusasa kunye neli qela lilungileyo labalungiseleli balapha esixekweni. Kwaye ke si...Ndicinga a—abazalwana bayiteyiphile ukuba kukho umntu othile oyifunayo. Elinjalo ixesha lobudlelane esasinalo. Kwaye ngoku, ngobubusuku bubusuku bethu besibini, sihamba kanye endleleni. Ke ngoku, siyathemba ukuba iNkosi iya kunisikelela nonke ngokugqithisileyo kakhulu.

Ndiyakholwa ukuba ndijonge umhlobo wam olungileyo, uNksk. Upshaw, ohleli apha, uDade Upshaw. INkosi ikusikelele. Ndikhumbula uMzalwana uWillie Upshaw. Ndandineleta evela kuye ngenye imini kunye nomfanekiso kaMzalwana uWillie, uCongressman. Ke, wa—wayesisiqhwala iminyaka emalunga namashumi amathandathu anesithandathu.

Wayesenkonzweni ngobunye ubusuku, ndabona umbono wakhe, ehleli, esiya ngapha kwesihlwele, enxibe isuti yakhe, equbuda. Ebekwisitulo esinamavili kunye neentonga, njengoko benimazi nonke, kwaye iNkosi uYesu yamphilisa kwangobo busuku. Kwaye waba nokholo de wafa.

Siziva siwongekile, ngobubusuku, ngokuba umhlokokazi wakhe ehleli apha. Wayeneminyaka emingaphi xa wayesiya kubona iNkosi? Wayeneminyaka emingaphi? [UDade Upshaw uyaphendula—Mhl.] Waphila waba yiminyaka engamashumi asibhozo anesithandathu ubudala. [UDade Upshaw uyangqina ngokusweleka kwakhe.] Waya eZulwini ukuze abe kunye... Sinombulelo ngamadoda amakhulu, abalwi abakhulu bokholo.

Ngoku, ngokuhlwanje, iyi, asifuni kunigcina ixesha elide. Sinigcine imizuzu elishumi ixesha elongezelelekileyo phezolo, imizuzu engamashumi amabini ukuya kweyeshumi. Sidla

ngokuphuma ngecala leyethoba. Ndiza kuzama ukuyilungisa loo nto ngokuhlwanje. Ndiye nda... Nditshintshile ukusuka kwimiyalezo yam yesiprofetho ebendiyishumayela kwiindawo ezahlukeneyo zelizwe, ukuya kwiinkonzo zokuvangela kwakhona. Kwaye kulomiyalezo yesiprofetho, besiya kuyigcina iqhube njalo. Kwaye ngoku ukuyigawula, kunzima, kwaye iyalugugula u—ulungiselelo ngokupheleleyo.

Kwaye isizathu sokuba ndenze oku: ngokuba ngenye imini, ndisihla ndivela eCanada, nje phezulu apha eMontana, ngentseni ngenye intsasa, iNkosi uYesu... Ndiyazi ukuba ivakala ingaqhelekanga, kodwa ndandikhwele imoto, kwaye into ethile yanditsala umdla wam. Ndeva iZwi, licece njengoko usiva elam, lisithi, “Igama lakho libhaliwe kalaa ntaba.” Ndaza ndajonga, sathi sakuma, uBilly kunye nam, iNkosi uYesu yathi, “Buyela emva ngoku, kwaye uqalise ukuvangela kanye njengokuba wenzayo.”

Yiyo loo nto ndilapha ngokuhlwanje, ngokuba ndibuyela emva kwakhona ndithandazela abagulayo. Kukho ibali elide kuloo nto, kwaye ndiqinisekile ukuba nina bantu beteyiphu apha, abeva iiteyiphu zethu, bayalazi ibali. Ndilapha ukuze ndithandazele abagulayo kwakhona. Zininzi izipho ezikhulu kuThixo. UThixo angasebenzisa nasiphi na kuzo Anqwenela ukusisebenzisa ukuba siyaMvumela ukuba enze njalo. UyiNkosi uYehova.

Kwaye ngoku, ndizama ukunga... ndizibambe ekubekeni izandla phezu kwabantu ukuba ndiyakwazi ukuzibamba kuyo, ngokuba, phaya, kukhangeleka ngathi (kulungile), kodwa kukhangeleka ngathi umntu othile, uyakuphiliswa, bathi, “Ke, Nje-na-nje wabeka izandla phezu kwam.” Yabona? Ndi—ndiyathanda ukukubona ubeka nje izandla kuYe, kuKristu.

Injongo yam kukuba, sonke siyazi ngeZibhalo, ukuba impiliso eNgewele sele ibekelwe lonke ikholwa. Iyinxalenye—iyinxalenye yokubulaleka kukaYesu: “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, ngemivumbo Yakhe saphiliswa. Njengoko uMoses wayiphakamisayo inyoka yobhedu entlango, umelwe kukuphakanyiswa ngokunjalo uNyana womntu.” Unobangela ofanayo.

Kwaye lowo yayingumfuziselo, uKristu uyinzaliseko—mfuziselo. Kwaye ke ukuba—ukuba isicamagushelo esidala sasinokovelisa impiliso, kobeka phi na ke eso esitsha, esinezinto ezingcono, sivelisa impiliso eNgewele.

Ngoku, uYesu waphakanyiselwa phezulu ngenxa yesizathu esinye eyathi inyoka yobhedu yenziwa (Wenziwa isono): ngokuba, inyoka yenziwa ngobhedu, kwaye *ubhedu* lu “luphawu lomgwebo kaThixo”; kwaye *inyoka*, ebonisa “isiqalekiso senyoka” kumyezo wase-Eden, apho kwangena khona isono nokugula.

Kwaye uYesu akanako... Akukho mntu unako ukushumayela ngoYesu Kristu njengesicamagushelo ngaphandle kokushumayela impiliso eNgewele. Akukho mntu unokushumayela iVangeli ngaphandle kokushumayela impiliso eNgewele. Kuba, yabona, awukwenzi... wayenayo... akufuneki ube nezinto ezithile. Njengokuba isilwanyana sikubambile, akufuneki unqumle unyawo lwaso, okanye usike eyaso—eyaso ingalo okanye nantoni na esinayo ukukubhijela. Suka nje usibulale entloko kwaye usifumene.

Kwaye yiloo ndlela uYesu wayenzayo xa Wa—xa Wafela isono: Wabulala yonke into esakha sayenza isono, Wasikhulula ngentlawulelo ngokupheleleyo. Ngoku sitsala u—umvuzo kowethu omkhulu... imali esisinyaniso sokukhululwa kwethu okupheleleyo ekubuyeni Kwakhe kwakhona.

Ke, uyabona, ukugula ngokuthe ngqo—kubangelwa sisono. Umntu othile wona. Kwakungekho kugula kwade kwabakho isono. Kwaze kwathi sakuba isono sangena, ukugula kwasilandela. Ukugula sisibonakaliso sesono. Kwaye ngoko, xa Wasibulalayo isono, kwathabatha zonke izibonakaliso kunye naso. Yabona, kwakunyanzelekile.

Ngoku, sizakufunda ngokuhlwanje inxalenye yeSibhalo.

Ndiyavuya ngokuqinisekileyo ukuba nabo, emva kwam apha ngokuhlwanje, iqela labazalwana bam abalungileyo ebebekula nkonzo ngale ntsasa, baze bafumanise, bona uMzalwana uShakarian phaya emva, naye, kunye nabahlobo bam abaninzi, abaninzi kubo. Ke ndivuya kakhulu ukuba nani bazalwana apha ngokuhlwanje. Ndithandazeleni ngoku, ukuba niyakuyenza.

Ngoku, masityhile eSibhalweni, ukwenzela isicatshulwa nje esincinane, iNkosi ithandle.

² Kwaye khumbula, ngomso ebusuku, ukuthandazela abagulayo kwakhona. Kwaye ngoku xana ndithetha... Phulaphula, wonke umntu zama ukwenza oku, musa ukulinda ukuba into ethile yenzeke. Into omawuyenze, kukukholwa kuThixo khona ngoku. Kholwa nguYe ngoku! Yabona?

³ Ngoku bekukho zonke iintlobo zolungiselelo. UThixo, kule mihla yokugqibela, ndiyakholwa, usinike yonke into anayo eNcwadini Yakhe. Yonke into Awayithembisayo, siyibonile, kwaye futhi kubonakala ngathi abantu abanakuyiqonda. Abo bamiselwe ukulibamba, baya kulibamba; kuphela bona. Imfamekisa omnye; ivula amehlo omnye.

⁴ Khumbula, siyakholwa ukuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade. Akafike, kodwa udla ubomi ngonaphakade. Kwaye Ulapha ngobubusuku. SiseBukhloneni Bakhe, ngokuhlwanje, kwaye Ulapha ukuza kuqinisekisa nokwenza okulungileyo nasiphi na isithembiso Awasenzayo ngalo mhla. Kwaye isekwanguye izolo, namhlanje, nangunaphakade. Ke, nantoni na Awayeyiyo, Uyiyo,

ngokuhlwanje. Ngoko masiMkholelwe ngoku, njengokuba sifunda iLizwi Lakhe kwaye sithethe ngaYe, kwishumi elinesihlanu elilandelayo, imizuzu engamashumi amabini.

⁵ IGenesis, isahluko sama-22, nowe-7 nowe-8 umqolo, ngendlela yokufumana isicatshulwa.

Waze wathetha u-Isake ku Abraham uyise, wathi, Bawo: wathi yena, Ndilapha, nyana wam. Waze wathi, Nangu umlilo neenkuni: kodwa iphi na imvana yedini elinyukayo?

Wathi u-Abraham, Nyana wam, uThixo wozibonela imvana yedini elinyukayo: ke bahamba bobabini ndawonye.

⁶ Nkosi Yesu, sikelela iLizwi Lakho, Langa lingangabuyi lilambatha, kodwa inga imbewu ingawela emhlabeni oya kuvelisa usindiso kwabasweleyo, ngokwenyama nangokomoya. Sizinikela kuWe; ibandla, abaphulaphuli, iLizwi, isicatshulwa, umongo. Wanga uMoya oyiNgcwele angathabatha ubuntu bethu, ukuze sibone uYesu Kristu. Amen.

⁷ Ndifuna ukuthetha nje okwemizuzu embalwa elandelayo ngoku kwi: *Indlela Ebonelelwe NguThixo Ngalo Mhla.*

⁸ UThixo ebesoloko enendlela. Kukho iindlela ezimbini, oko kukuthi, iindlela zethu okanye iindlela Zakhe. UThixo unendlela yanamhlanje, kuba Wahhlala eyenzela yonke into indlela. UThixo, ekuqalekeni, wayesazi isiphelo, ngoko Ubeke iSibhalo Sakhe sesigaba ngasinye. Kwaye eso sigaba, xa sifika... Ngoku musa ukusilela ukubona oku. Eso sigaba, xa sifika, ngokwesiqhelo ulungiselelo luphixene kakhulu kwii isms, na njalo njalo, nezithethe, lude lube lusingidi seemayile kude neLizwi.

⁹ Kwaye emva koko uThixo usoloko ethumela umntu embonisweni, umprofeti. Kwaye lo mprofeti... UThixo akaze ayiguqule inkqubo Yakhe. Akazange aziguqule iindlela Zakhe. Usoloko eyenza ngendlela efanayo. Usoloko enayo; Kufuneka ayenze ngeli xesha. Kwaye, ngako oku, uThixo uyasebenza kwaye alingqinele elo Lizwi. Njengoko bendithetha nani phezolo, uThixo esenza oluloLwakhe utoliko. UThixo akadingi mntu wokutolika iLizwi kuYe. UyaLitolika ngoKwakhe, ngokuLingqinela, eLenza libe yinene. Kwaye xa uThixo esithi Uyakwenza into ethile, aze Ayenze, akusekho mbuzo kuyo. Nantso indlela Ayenza ngayo.

¹⁰ Ngoko uThixo usenzele indlela. UThixo uyabathanda abantwana Bakhe. Uyabathanda abantu Bakhe. Ufuna ukubanceda. Ufuna ukukunceda ngaphezu kokuba ufuna uncedo. Ukuba unokuyifumana nje loo nto entliziyweni yakho, ukuba uThixo ukulungele ngakumbi ukukunceda kunokuba wena uzincede. Kodwa Unendlela, kwaye yiloo ndlela kuphela Ayakusebenza ngayo kungendlela Yakhe.

Kufuneka uze kwimiqathango Yakhe, hayi imiqathango yakho. Imiqathango Yakhe! Uyifuna ngendlela ethile, kodwa Yena—Yena ukunika yona ngendlela Yakhe.

¹¹ NjengoNahaman engena ngaphakathi ku—ku—kumanzi aseYordan. Ngokuba, wathi amanzi aphezulu kwilizwe lakhe acoceke ngakumbi kwaye angcono, kodwa yayingeyiyo loo nto umprofeti wayithethayo. “Yithi nkxu apha.” Wathi nkxu kwaba kanye, iqhenqa lisephaya; izihlandlo ezithandathu, lalisephaya. Kwakufuneka athobele aze eze ngendlela kaThixo. Yaye xa wayithobela ngokupheleleyo indlela kaThixo, iqhenqa lemka.

¹² Kwaye ndithi, ngobubusuku, ukuba siyayithobela indlela kaThixo ebonelelweyo, iqhenqa liyakumnka, ukugula kuyakumnka, yonke into iyakumnka, kodwa simelwe kukuza ngendlela Yakhe yalo mhla. Ngoku, ukungena eYordan akusayi kwenza nto ngoku; yaba yekaNahaman. Umthetho wawungowa—ngowamaYuda. Ubabalo lunguKristu.

¹³ Kodwa isigaba ngasinye sinenxalenye yaso yeVangeli esele ixelwe kwangaphambili. Le Bhayibhile isisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu. Akusayi kongezwa kuYo, okanye nantoni na isuswe kuYo; umntu uyenzayo uqalekisiwe. Asinakongeza nto kuYo, sisuse nto kuYo. Simelwe kukukhangela Apha size sibone oko kuthenjisiweyo kwesi sigaba sexesha, size sikubone kusenzeke. Lowo nguThixo etolika iLizwi eLileLakhe. Xa Yathi, “Intombi enyulu iya kumitha,” yenjenjalo. Olo yayilutoliko lukaThixo lwaYo. Oko Akuthembisayo, Uyakwenza.

¹⁴ Ngoku siyabona ukuba uThixo akazitshintshi iinkqubo Zakhe zokwenza izinto. Usoloko esenza ngendlela efanayo. Sihlala sitshintsha ngenxa yokuba sinesiphelo. Senza zonke iintlobo zeempazamo, kwaye sinokuphucula kwaye sibengcono. Kodwa uThixo akanasiphelo. Isigqibo sakhe sokuqala sigqibelele lonke ixesha. Akanakuba krelekrele ngakumbi. Waye. . . Ungumthombo wabo bonke ubulumko. Ububo bonke ubulumko. Ungawo onke amandla, unamandla onke, ukho kuzo zonke iindawo, wazi izinto zonke, kwaye akanasiphelo. Ke ngoko, xa Ethetha nantoni na, wuxhome umphefumlo wakho kuYo, ngokuba yinyaniso.

¹⁵ Ngoku ezinye iicawa zithi, “Kwaye asiyikholelwa *Lena*, kwaye siyakholelwa *yileyo*.” UThixo akanakuze amgwebe i—ihlabathi ngebandla. Uligweba ngoYesu Kristu, kwaye uYesu uliLizwi. Uyakuligweba ibandla ngeLizwi.

¹⁶ Kwaye ukuba *Oku* sisityhilelo sikaYesu Kristu kuzo zonke izigaba, nakwesi sigaba, Utyhilile kule Bhayibhile into Ayakuyenza kwesi sigaba sexesha; kwaye xa siYibona liyenza, xa siMbona esenza oko Wathembisa ukukwenza. Hayi ukuzalwa yintombi; oko yayingamawaka amabini eminyaka eyadlulayo. Kodwa oko Wathembisa ukukwenza namhlanje, oko Wathi Uyakukwenza namhlanje, yiloo nto Ayiyo namhlanje.

¹⁷ Amaxesha amaninzi, abantu bathi, “Ke, andikukholelwa *Oko*.” Ke, unetoliki ka-Eva kwakhona; thatha nje inxalenye yaYo, kodwa hayi yonke yaYo.

¹⁸ Ke sifuna ukukhumbula ukuba uThixo uhlala enjalo. ILizwi Lakhe, kwaye oko Akuthethayo, Uyakukwenza.

¹⁹ Bonisa ukuba Akatshintshi. KwiGenesis 1, wathi, “Yonke imbewu mayivelise ngokohlobo lwayo. Yonke imbewu mayivelise ngokohlobo lwayo.” Kwaye kanye apho, sibethe into kanye apho ikhahlela bonke abo bakholelwa kwindaleko ngento ejika ibe yenye. Awukwazi ukwenza izinto kwakhona. Uthatha njengehashe kunye—kunye—kunye ne esile, uzizalise kunye, ufumana imeyile, kodwa imeyile ayinakuzala iphinde ifumane enye imeyile. Ima kanye apho. “Yonke imbewu ngokohlobo lwayo.” Bangenza ukuzalisa, kodwa iyazitshintsha kwakhona ibuyele emva, ibonisa ukuba ayijiki ibe yenye ngolo hlobo. Hayi, mhlekazi. Ima kanye apho. Ungazalisa isipinatshi kunye nenye into, kunye, kwaye ukhuphe i-kale, kodwa awukwazi ukuzalisa oko kubuyele emva kwakhona. Hayi, mhlekazi. Ungazalisa umxube wokhozo; kodwa utyala olwakhozo lungumxube emva kwakhona, akufumani nto. Kuya kufuneka uphinde uzizalise ngalo lonke ixesha. Ngokuba, uThixo wathi, “Yonke imbewu mayivelise ngokohlobo lwayo.”

²⁰ Kwaye ngoku, ngokuxubanisa izinto, khangela ihlabathi lingene kwintoni namhlanje. Bendifunda inqaku apha, kwi*Reader's Digest*, apho, “Kwiminyaka engamashumi amabini ukususela ngoku, abafazi abayi kuba nazintsana, ukuba iyaqhubeka. Batya ukutya okungumxube.” Into yayo kukuba, bakuxubile, kwaye asiyondlela awayenziwe ngayo umntu, ukuba atye olo hlobo lokutya. Yenzelwe ukuhlangabezana nayo e...okanye ukuyidla ngokwendlela eyadalwa ngayo. Seso sizathu, namhlanje, ukuba bangakwazi ukugcina inyama kwaye yonke into iyindlela eyiyo, kungenxa yokuba ingumxube, okutyalwe shushu, kwaye, owu, lonke uhlobo lwendlela. Ixubene nje yonke. Kufike apho lonke uhlanga loluntu lutshatyalaliswa yimpumelelo yalo, ngokuzama ukuthabatha into athe uThixo wayenza yalunga, bayijike bayenze ngenye indlela, ngendlela yabo. Yiyeke ngendlela uThixo ayenze ngayo!

²¹ Ide yafikelela kwindawo apho bazama ukuxubanisa amabandla, namhlanje; ukusuka kubhaptizo lwenene loMoya oyiNgcwele, ukuya ekuxhawuleni isandla; uhlobo oluthile lokufefa, ukuya kubhaptizo lwamanzi. Owu, bethu! Yonke into ingumxube. Sifuna ukubuyela emva.

²² Isityalo esingumxube, kufuneka usanase kwaye usitshize, kwaye ugcine iincukuthu nooqongqothwane bangabikho kuso. Kodwa hayi isityalo esisempilweni sokwenene; sizinzile, somelele, akukho zinambuzane ziza kuso. Sinento eyaneleyo kuso yokulahla izinambuzana.

23 Kwaye ke unjalo umKristu wokwenene! Awunyanzelekanga ukuba umanase kwaye ummbambazele, kwaye umxelele *oku, okuya*, okanye *okunye*. Unento ethile kuye, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, oluphosa konke okunye kusuke. Akunyanzelekanga ukuba umcenge, kuba usisityalo sokwenyani sikaThixo. Unento kuye elwayo. UmKristu ulwela yonke i-intshi yomhlaba ami kuwo. Umele akwenze oko, ukuba ulindele ukuphila. Kwaye, ngokwenza loo nto, kukho Into ethile kuye emnyamekelayo.

24 U-Eva wazama ukuxubanisa iLizwi, ekuqalekeni. UThixo wamxelela, “Mhla uthe wadla kuwo, uya kufa ngaloo mini.” Wazama ukuLizalisa nolwazi awamnika lona uSathana. Wathi akwenza oko, waphulukana nalo lonke uhlanga loluntu, kanye apho, kumtyholi, xa wazama ukuxuba iLizwi likaThixo elingakrexezwanga nolwazi.

25 Ayiphumi kulwazi lweLizwi, iza ngamandla kaMoya oyiNgcwele! “Hayi ngamandla, ngamandla, kodwa ngoMoya waM,” itsho iNkosi. Yiloo ndlela uThixo ayenza ngayo. ILizwi likaThixo liyiMbewu yoBomi obunguNaphakade.

26 Ukuba uzama ukuLixubanisa, uyakwenza ntoni? Uyakuzibulala ngaLo. ALiyikusebenza. Ayisayi kuxutywa ngakumbi kune oli okanye amanzi angazange axutywe. Ayisayikuyenza loo nto.

27 Abazange, ngayo yonke indlela, bazame ukufumana nantoni na engcono kunendlela kaThixo yokuyenza. Uyazi, abakaze bafumane indlela, engcono, yokuba inkukhu izarwe kweli hlabathi, kunokuba lizingqolele eqokobheni layo. Ubuyazi lonto? Abazange bayifumane indlela engcono. umfo omncinci uzalwa enento ekupheleni ko—komlomo wakhe. Kwaye loo mlonyana anawo, wokuya emsebenzini kwaye liye kukrwempa, likrwela emva naphambili, ade enze intloko yakhe iqalise, akhuphe intloko yakhe, axhole indlela yakhe yokukhululeka. Yindlela ebonelelwe nguThixo. Uyamtsala umkhupha eqokobheni, iyakumbulala. Akayi kuphila ukuba uyamtsala ukumkhupha eqokobheni. Kufuneka eze ngendlela kaThixo.

28 Leyo yingxaki namaKristu namhlanje. Sabafaka isepha ethambileyo kangako, sabaxhawula izandla sabazisa ngokufihlakeleyo, sabajoyinisa ecaweni. Into abayidingayo sisiguqo sohlobo lakudala apho bathandaza bagqobhozele khona, de bazisebenzise, baze ngendlela ebonelelwe nguThixo, bade bazikhulule ehlabathini. Ingxaki yayo, namhlanje, babeka igama labo encwadini baze bazibandakanye nebandla, kwaye yiloo nto kuphela ekhoyo kuyo. Kodwa indlela kaThixo, indlela ebonelelweyo, kukuhlala phaya usebenze indlela yakho, ade uThixo akunike uZalo olutsha. Injalo kanye loo nto. Umchole, uya kumbulala.

29 Nantso into eyingxaki, namhlanje, ngabantu. UZalo olutsha, bonke bayaluphepha. Abaluthandi. Owu, baye bafaka into ethile

endaweni yoZalo olutsha, “yiza uze ukholwe, kwaye yiloo nto kuphela omelwe kukuyenza.” Umtyholi uyakholwa, ngokwakhe, kwaye uyazi ukuba akazalwanga ngokutsha. Kukho uZalo olutsha. Kukho into ehamba nalo, luhlobo olungafanelekanga, olungenancasa kwiHlabathi.

³⁰ Nakuphi na ukuzalwa yimbutyulelo. Andikhathali nokuba luphi. Ukuba lukwihoko yehagu, okanye—okanye isibhedlele. Ukuzalwa yimbutyulelo.

³¹ Lunjalo ke noZalo olutsha! Luyakukwenza wenze izinto obungacinganga ukuba uya kuzenza. Luyakukwenza ukuba uhlele esiguqweni kwaye ulile, ukhale, uhlambe ipeyinti ebusweni bakho, uphakamise izandla zakho, udumise uThixo, uthethe ngeelwimi, nazo zonke iintlobo zezinto. UZalo olutsha luyakukwenza oko ngokuba yindlela ebonelelwe nguThixo yokuzalwa ngokutsha.

³² Kufuneka ufe. Kufuneka ufe phambi kokuba uzalwe ngokutsha. Nayiphi na imbewu kufuneka ife ngaphambi kokuba ihlaziye kwakhona. Ngaphandle kokuba ithe yafa, ihlala yodwa. Umntu umelwe kukufa kwiingcinga zakhe. Umelwe kukufa kwiingcinga yayo nantoni na ngaphandle kweLizwi likaThixo, aze eze ngendlela Yakhe. Lowo ngumhlaba kaThixo. Asidibani naYe kwiingcinga zethu; sihlangu naYe koko Wathi makwenziwe. Leyo yindlela elungiselelwe nguThixo yalo. Abantu bayaluphepha; abalufuni. Kodwa yinyani, ngokufanayo. Luyaku, luvulise ukufa, kwaye kufuneka ufe, ufe kwiingcinga yakho.

³³ “Ke, ndiyazi ukuba iBhayibhile iyatsho, kodwa andiyiqondi.” Ngoko hlala apho ade uThixo ayityhile. Injalo lo nto. Inayo. . . LuZalo olutsha olo.

³⁴ Amadada kunye namarhanisi, akazange afumane indlela engcono yokuba aye eMazantsi, kunokuba abumbane kuqala. Kwaye kunjalo. Uyakuwabona onke edibana kwaye aya kuza ngokwawo, uhlobo oluthile lothuku luyawadibanisa, aze ahlangu abumbane phambi kokuba abhabhe, phambi kokuba aye eMazantsi. Ingaba yintoni? Lixesha lemvuselelo, xa onke edibane. Wakhe wayiva loo ncoko ebomini bakho, njengokuweva amarhanisi edibana, okanye loo madada? Zange ndeva okunjalo! Kwaye ane. . . Akukho yimbi, indlela engcono wona anokuyenza ngayo.

³⁵ Amaxesha amaninzi, phezulu emahlathini angasentla, ndibukela isiqalo sokuqala semozulu ebandayo, eCanada. Iqela lamadada azalelwe kanye phaya kwela chibi, akazange aphume kwela chibi, lo mfo mncinane akazange aphume. Kwaye into yokuqala uyazi, impepho ebandayo iyehla ivela eMantla. Le incinane, inkunzi endala, uzalwe nje eyinkokeli, uphumela kanye phaya embindini welo dama, akhuphe umlomo wakhe omncinci phezulu emoyeni, akhale amatyeli amane okanye

amahlanu, kwaye lonke idada elisechibini liza kanye kuye. Aze aphakame apho, aye kanye ngqo eLouisiana njengoko enokuya, kumasimi erayisi.

³⁶ Ngokuba? Abazange bafumane indlela engcono yokuba afike apho. Awukwazi ukubahlanganisa kunye. Uwafaka kumpheki kwaye. . . ikheji, kwaye uwehlisele phaya ngesigadla. Ela dada linengqiqo engcono kunoko. Kwaye ulifaka kulaa kheji, ukuze ulehlisele phaya, liyazi ukuba liya kwintlanti yokuxhela. Injalo kanye loo nto. Lihamba ngendlela ebonelelwe nguThixo.

³⁷ Leyo yindlela umntu amelwe kukwenza ngayo namhlanje, angakhokelwa yikheji yobuhlelo. Kodwa eze ngendlela uThixo awathi engene ngayo, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele noZalo olutsha, imvuselelo yobumbano. Hayi ukujoyina ibandla, ukufuna kwindlu ngendlu, nokuhambisa iimagazini; kodwa uZalo, ukuzalwa ngokutsha, azaliswe nguMoya oyiNgcwele, indlela kaThixo, ezikhulula ehlabathini. Injalo! Ukukholelwa kwiLizwi likaThixo! Iyure ilapha. Yiloo nto esifanele siyikholelwe.

³⁸ Mntu, awunakuze. . . Andikhathali nokuba mangaphi amadoda anokuzama ukuya kwela dama ledada phezulu athi, “Ngoku yimani umzuzu, nina madada amancinci, ndinento yokuthetha nani. Sifumene idada elifundileyo apha. LinePh.D. kunye neLL.D. Ndiyanixelela, linokunikhokela.”

³⁹ La madada anokuqonda okungcono kunoko. Ewe, mhlekazi. Awayikhathalelanga imfundo yakhe engcono, nokuba yintoni na. Ayakwazi ukuxela isandi esithile asinikayo. Lithuku. Owu, bethu! Ibandla limelwe kukwazi okungako ngeLizwi likaThixo!

⁴⁰ Sisandi esithile esingaqinisekanga. IBhayibhile ithe, uPawulos wathi, “Ukuba ixilongo lithe lalila ngezwi elingaqinisekanga, ngubani na owoyixhobela imfazwe?” Injalo loo nto, ukuba ibandla—ukuba ibandla linika isandi esingaqinisekanga so “ukujoyina.”

⁴¹ UThixo wathi, “Ukuzalwa!” Into eyenziwa luZalo phaya, uZalo lwenza into enye namhlanje, ngokuba uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Into Awayeyiyo ngoko, Uyiyo namhlanje. Into abayenzayo ngoko, yinto enye esiyezayo namhlanje. Indlela abaLifumana ngayo phaya, ikwayiloo nto inye bayenzayo namhlanje. Yiloo Nto inye banayo namhlanje, yile nto babenayo phaya kudala. Ukuba Iyeza kwa ukuza, Iza ngola hlobo. Nantso indlela, indlela ebonelelwe nguThixo. Ayitshintshi.

⁴² Amadada akaze atshintshe. Ayahlangana ngokupheleleyo, nyaka ngamnye, aye emantla, emazantsi, nangayiphi na indlela aya kuyo. Ayahlangana kuqala.

⁴³ Yiloo ndlela uThixo enza ngayo. Uthumela iLizwi Lakhe ngexesha lonyaka, ngelo xesha, lize Libonakalaliswe. Kwaye andikhathali nokuba zingaphi na ezinye izinto eziqhubekayo;

xa bebona iLizwi likaThixo elithenjisiweyo laloo mhla, bengqinelwe kwaye bethenjisiwe, akukho nto iya kubanqanda. “Intombi enyulu iya kumitha.” Kwaye xa bathi . . .

⁴⁴ “INKosi uThixo wethu iya kusivelisela umProfeti onjengam,” Wathi uMoses.

⁴⁵ Bathi ke bakubona le Ndoda isiza yenza izinto Awazenzayo, bazi ukuba lowo yayinguMesiya. Xana uFilipu wabona oko kusenziwa, wathi, “Wena unguye uKristu. Wena unguKumkani wakwaSirayeli.” Wayeyazi ngokuba iLizwi laliyithembisile, kwaye yayiphila ngaloo mhla. Akunamsebenzi nokuba bangaphi na abaFarisi, abaSadusi, ababemi kufutshane, ooGqirha boBungcwele, ayizange imthintele nakancinane, ngokuba ebekhangele loo mqondiso. Xana wawubona usenziwa, yayingumqondiso weyure lowo. Yiloo nto ababeyikhangelala, indlela kaThixo ebonelelweyo. Ewe, mhlekazi.

⁴⁶ Ngoku ubungenakuze unike idada, imfundo. Belingenakuyenza. Aliyi kuyifuna. Amanye amadada ebengayi kumlandela, kungakhathaliseki ukuba zininzi kangakanani izidanga awayenokuthi unazo. “Ngoku, jonga apha, ndiye kwisikolo samadada. Ndiyazi konke ngayo. Ndiphumelele isidanga. Ndiyazazi zonke ezi zinto.” Ibingayi kunceda nto tu. Akukho nalinye kuwo amanye amadada anokumlandela, ukuba ngamadada okwene, amen, kuba bafuna umqondiso othile. Xa bebona loo mqondiso, bayawukholelwa.

⁴⁷ Kwaye ukuba idada linendlela yokuyazi, kunjani ngomKristu ozelwe ngokutsha? Sifanele ukuba simazi uYesu Kristu ngamandla ovuko Lwakhe. Injalo. UThixo uyenza ngendlela ebonelelwe nguThixo.

⁴⁸ Khumbula, imfundo ibingayi kuba sisixhobo sokubakhokelela kwindawo ebonelelwe nguThixo. Isixhobo abanaso luthuku. Kwaye wona, loo madada, ayazi ukuba olo thuku luyakubasa kwindawo ayiboneleleyo uThixo.

⁴⁹ Ke wenza njalo noMoya oyiNgcwele ukuthatha iBandla alise kwindawo ebonelelwe nguThixo. Hayi ukujoyina ibandla, koko ukuzaliswa buBukhona Bakhe, ukubona iLizwi Lakhe libonakaliswa, lingqinelwe. Leyo yindlela kaThixo elibonelelwe ngayo ibandla, rhoqo, ukwenzela abantu, ukuze abazise kwindawo athe uThixo wababonelela ngayo. Yiloo nto kanye ibandla elimelwe kukuba yiyo namhlanje. Ngoku, siyazi ukuba yinyaniso leyo.

⁵⁰ Akukho ndlela ingcono ukwenzela i . . . Abazange bayifumane indlela engcono yokuba usana lufumane oko lukufunayo kunokuyikhalela. Ukuba uthe walunika intsimbi, uthi, “Junior, uneentsuku ezintathu kuphela ubudala, kodwa ngoku xa ufuna, xa ufuna ibhotile yakho, phakamisa le ntsimbi kwaye uyikhalise,” ubone ukuba iyasebenza na. Ayisebenzi. Usana luyakukhalela oko lukufunayo. Leyo yindlela ebonelelwe

nguThixo. Okukhona ukhala kakhulu. . . Musa ukumbetha umfo omncinane, ulandela kuphela indlela ebonelelwe nguThixo. Ufuna into ethile. Injalo lo nto. Kuphela kwendlela azi ngayo ukubiza umama wakhe; liyikhalele, liyililele. Injalo lo nto.

⁵¹ UThixo ubalula oku kubantwana Bakhe. UThixo ubalula oku kubantwana Bakhe abakholwayo. Wenza. Hayi iintetho zobukrelekrele, hayi imfundiso yezakwalizwi enkulu, imfundiso yakwalizwi yokufundisa. Ufuna ukuba ukhalele iimfuno zakho. Kwaye kunjalo, yikhalele! Uqine kakhulu kwaye unekratshi, awusoze uyifumane. Ukuba ulungele ukuzithoba kancinci, ukhale, uThixo uya kukunika. Uyathanda ukuba abantwana Bakhe belila. Lila iintswelo zakho kuThixo! UThixo uyakufuna. Leyo yindlela Yakhe ebonelelweyo. Yikhaleleni! Yiloo ndlela usana lukhala ngayo; yiloo ndlela Afuna ukuba wena ukhale ngayo.

“Ukhale kude kube nini?”

⁵² Usana lukhala kude kube nini? Lude laneliseke. Kwaye yiloo ndlela umKristu okholwayo amelwe kukwenza ngayo, umntwana kaThixo. Ukuba uyabona ukuba uThixo wenze idinga, musa ukuliyeka, lila lide liphendulwe. Lila ude ubone uThixo engqinela iLizwi Lakhe. Xana uThixo engqinela iLizwi Lakhe, kwaye aqondakalise ukuba lilapha, ngoko akusafuneki ukuba ulile; uyifumene, hamba umnke umbulele Yena ngayo. Ude wenze loo nto, khala ude uyifumane. Ndiyayithanda loo nto, ukuzingisa, ukubambelela.

⁵³ Hayi isityalo esingumxube, hayi eso kufuneka sanaswe kwaye siphululwe, kwaye sifunqulwe ndawo yonke. AmaKristu angawokwenene, enyani, azelweyo, amanqaku kaThixo. Ayasilwela isikhundla sawo, kwaye alwe ade abe agqibile kulo mhlaba. Yonke intshukumo yayo ngumlo.

⁵⁴ UThixo waxelela uMoses ukuba wamnika ilizwe. Waxelela uYoshuwa, “Indawo yonke enyathelwa lunyawo, nentende yonyawo lweni, Ndininikele yona.” Kwakufuneka balwele i-intshi nganye yayo. Ngoko ke silwela yonke i-intshi yayo. Asiyonto yokonaswa kwaye uphululwe, kwaye ujikeleze ngolo hlobo, kwaye uthi, “Ke, ndiza kukusa ngaphaya, ubone ukuba ucinga ntoni ngayo. Ugqithise uluvo lwakho.” Asiyi ndlela yokuza leyo.

⁵⁵ Yiza ngokuzimisela. Yiza ukuba uya kuhlala apho de kuphele. Hlala apho ade uThixo aphenyule angqinele. Indoda ekholwayo kuThixo, inokubona uBukho bukaThixo, ibuve uBukho bukaThixo, ivakalelwe buBukho bukaThixo, kwaye iyazi ukuba Ulapha. Ulapha ukuze aphenyule yonke into Awathembisa yona ngalo mhla. Ngoko, khala ude uyifumane! Bambelela kuYe. Musa ukuyiyeka, ukuba kufuneka uhlale imini nobusuku. UThixo akafuni ukuba abantwana bakhe bamamele

iintetho zengqondi. Ufuna ukuba bakhale kuYo, lide idinga lingqinelwe.

⁵⁶ Apha u-Abraham wayesidingo sedini. Kwenzeka ntoni? UThixo wamnika imvana. Yayiyindlela ebonelelwe nguThixo leyo. Wayefuna idini, ngoko ke uThixo walibonelela. Kwathi emveni koko, wabiza indawo *Jehovah-Jireh*, “iNkosi iya kuZibonelela idini.”

⁵⁷ Ngoku, uYobhi, ngaxesha lithile, umprofeti omdala, uYobhi. Wayengumprofeti. Wayengene engxakini. USathana wayenqwenela ukumhenda, waza wamqoba ngamathumba. Waze wathabatha abantwana bakhe, wathabatha imfuyo yakhe, wathabatha konke awayenako, waza wamtyumza ngamathumba.

⁵⁸ Kwaye abathuthuzeli bakhe beza, benza ntoni na? Zange babonelele nganto kuphela ukugculela, bahlekisa ngaye, bemxelela, “Kaloku, wone ngokufihlakeleyo.”

⁵⁹ Waza uYobhi wazibamba nje. Wakhala. Wayeqinisekile ukuba wayelandela imiyalelo kaThixo. Wenza kanye oko uThixo wayethembise ukukwenza. Oko uThixo wamthembisa kona, ukuba Uyakuma ngakuye, phantsi kwedini elinyukayo, waza wahlala apho.

⁶⁰ Ke, uThixo wabonelela ngombono. Wayengumprofeti. Wabona ntoni? Walibona iLizwi, uYesu Kristu. Wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli. Kwaye ngemihla yokugqibela, Uyakuma phezu komhlaba. Nokuba iimpethu ziwudlavule lo mzimba, kodwa enyameni yam ndiya kumbona uThixo.” Yabona, Wabonelela ngombono wovuko ukwenzela yena. Yena ekubeni engumprofeti, wabona iLizwi. Walibona iLizwi kwaye wayazi ukuba amathambo akhe nomzimba wakhe uya kuvuka kwakhona ngomhla wokugqibela. Wabuzwa ukuba wayesazi na apho uThixo akhoyo, ukuba wayenokubona nje.

⁶¹ Wathi, “Intyatyambo iyafa, ivuke kwakhona; umthi uyehla, uvuke kwakhona; kodwa yena umntu ulala phantsi aphume umphefumlo, angquleke, uphi na? Owu akwaba Ubungandigushayo engwabeni, kwaye undigcine entsithelweni bude budlule ubushushu Bakho.”

⁶² Ngoko iindudumo zaqalisa ukugquma, umbane waqalisa ukudanyaza, uMoya weNkosi wehla phezu komprofeti. Waza wema, waza wakubona ukuza kweNkosi, kwaye wadanduluka, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uyaphila, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu komhlaba. Nangona iimpethu ziwudlavula lo mzimba, enyameni yam ndiya kumbona uThixo.” UThixo wabonelela ngeLizwi, uYesu Kristu, kwaye waMbona waza waMbiza ngokuba nguMhlawuleli wakhe.

⁶³ USirayeli wayedinga indlela yokuphuma eYiputa, waza uThixo wababonelela ngomprofeti, umprofeti owangqina iLizwi elalithenjiswa ku Abraham. Ngokuchanekileyo,

indlela ebonelelwe nguThixo! Babengenako ukuqeqesha ijoni, babengenakuyenza *le*, babengenakho ukwenza *leya*. Ekuphela kwento abayenzayo kukulindela indlela ebonelelwe nguThixo. Kwaye Waxela, wathi, “Wayeya kubakhupha abo bantu, emva kwamakhulu amane eminyaka. Abantu bakhe babeya kuba sebukhobokeni, kodwa Wayeya kubakhupha ngesandla esomeleleyo. Wayeyakubonisa imiqondiso Yakhe nezimanga, aze azuze uzuko kweso sizwe.”

⁶⁴ Naku kusiza indoda ezantsi, xa bakhala kwaye bakhala! Kwaye ngoku khumbula, konke ukukhala kwakungenakubahlangula, kude kuzaliseka ela xesha.

⁶⁵ Ezi zinto sizibonayo namhlanje, zazingenakwenzeka kumashumi amabini eminyaka eyadlulayo, okanye kumashumi amane eminyaka eyadlulayo. Kunamhlanje iyenzeka. Le yiyure! Eli lixesha! Ngoku lixesha lokuba izaliseke. Ngokuba? UThixo wayithembisa, kwaye nantsi.

⁶⁶ Bathi, kwiminyaka elikhulu eyadlulayo, ukuba, “Ubhaptizo loMoya oyiNgcwele lwalungenakubakho kwakhona.” Bathi, kwiminyaka engamashumi amahlanu eyadlulayo, “UMoya oyiNgcwele...” Kodwa nina bantu bakwaMoya niqondakalalisile kubo, ukuba yayiyure kaThixo yokuthulula uMoya oyiNgcwele. Akunamsebenzi nokuba athini na umWisile, umBhaptizi, umRhabe, umLutere, uhlala kanye neLizwi likaThixo. Amadoda anobukroti aphuma apho abambelela kwade kwafika ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kwaye bathetha ngalwimi zimbi bemenza mkhulu uThixo. Akukho mntu unokukuxelela okwahlukileyo. UThixo uyitoliki Yakhe ngoKwakhe; uyifumene. Usenokungakwazi ukuyicacisa, kodwa uyazi ukuba uyifumene. Ngubani na onokumchaza uThixo? Akukho mntu unako.

⁶⁷ Andikwazi ukukuxelela indlela uThixo anokubonisa ngayo umbono, kodwa ndiyazi ukuba iyenzeka. Andiboni ukuba uThixo unokuzenza njani ezi zinto. Ayingomsebenzi wam ukuyicacisa. Yena, uhlala yedwa. Ungu Elohim, Lowo Ukukwanela-ngokwakhe. Ndingumkhonzi nje Wakhe. Ndiyazi ukuba Wayithembisa, kwaye ndiyazi ukuba ilapha. Leyo yinto enye endiyaziyo. Ndiyayazi loo nto, ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ndiyazi ukuba Wathembisa oku, kwaye uThixo ulapha ukuze enze idinga Lakhe libe yinyaniso. Ehe. Indlela ebonelelwe nguThixo!

⁶⁸ USirayeli wayebonelelwe ngomprofeti, owangqinela iLizwi, baza bakhutshwa. Lo mprofeti, uMoses, wahlala iminyaka emininzi entlango, iminyaka engamashumi amane, esokola ngaba bantu, ezama ukubagcina de abe nokubafikisa kwilizwe ledinga. Kwafikelela kwindawo, indoda kwafuneka ukuba ife; wayeneminyaka elikhulu elinamanci mabini. Kwakungekho ndawo yokuba afele kuyo. Wathi akulungela ukufa, uThixo

wambonelela iLiwa; ILiwa awalibethayo entlango, ILiwa elalibalandela, ababesela kulo. UThixo wambonelela iLiwa, indawo yokufela, apho uMoses wayenokufa ukufa okufanelekileyo.

⁶⁹ Phezu kweli Liwa, Thixo, mandifele kwakwelo Liwa linye! Kulapho ndifuna khona. Elo Liwa lalinguKristu Yesu. Ewe, mhlekazi.

⁷⁰ Emva kokuba efile, phezu kwela Liwa, wayedinga abathwali sidumbu. UThixo wamthumelela iqela leeNgelosi. Kutheni ingelilo iqela labadala bakhe? Kuba akukho bani unokumsa apho wayesiya khona, ngaphandle kweeNgelosi. Zamthwalela eBukhloneni bukaThixo, wayedinga abathwali sidumbu kwaye uThixo wabonelela. Wahamba ngendlela ebonelelwe nguThixo. Haleluya!

⁷¹ U-Enoki wayehambe noThixo iminyaka engamakhulu amahlanu, waza waMkholisa. Wayefuna uhola wendlela ukuze aye eKhaya ngawo. UThixo wayibonelela.

⁷² U-Eliya wayeqalekise uJebhele ngobuso bakhe obuqatyiweyo, nendlela yakhe awabenza benze ngayo bonke abantu. Kwaye wayediniwe kwaye eqobekile, kwaye wayesele elungele ukuya eKhaya. Wayemdala kangangokuba wayengakwazi nokuwela iYordan; UThixo wambonelela indlela yokuwela iYordan. Wayefuna ukunyuka aye eZulwini, ukuya kuhlangana noThixo; UThixo wathumela wehlisa inqwelo yomlilo, namahashe, wamnyusa. Indlela ebonelelwe nguThixo. Indlela ebonelelwe nguThixo. Usoloko eyenza kanye ngqo. Injalo. Ewe, mhlekazi. UThixo ubonelela indlela, ngamaxesha onke. Ewe.

⁷³ Izazi, xana zazisendleleni yazo ukusuka phezulu eBhabheli, zazibona indlela ezifuna ukuhla ngayo, kuba zazisazi ukuba lo Kumkani wayeza kuzalwa. Zazifuna ikhampasi; UThixo wabonelela ngeNkwenkwezi. Bashiya yonke enye into ngasemva. Babengazidingi iikhampasi; balandela iNkwenkwezi. Yayiyindlela ebonelelwe nguThixo. UThixo wabonelela indlela, balandela iNkwenkwezi bade bakufumana ukuKhanya okugqibeleleyo. Owu!

⁷⁴ Ihlabathi lalidinga uMsindisi, ngenye imini. Babelahlekile; bebengayazi. Babecinga ukuba basindisiwe, kodwa babedinga uMsindisi. UThixo wabonelela ngoNyana, ukwenzela uMsindisi. Ngokuba? Akukho mntu wumbi wayenokuyenza loo nto. Kwakungekho mntu emhlabeni, akukho mntu eZulwini, naphina, wayenako ukuyenza loo nto. UThixo wayisibekela intombi, yakhawula yazala uMntwana-oyiNdodana. Kwaye loo Mntwana-oyiNdodana wayengengomYuda okanye iNtlanga. WayenguThixo, ebonakalaliswe esenyameni, ekuphela kwaLowe wayenokuhlangula. IGazi Lakhe liyasisindisa. IGazi laKhe

liyasiphilisa. LelaGazi esinokuma kulo, kuso nasiphi na isithembiso Awasenzayo. UThixo wathembisa ukuyenza.

⁷⁵ UThixo uhlangana kuphela nomnquli ngeGazi, naphantsi kweGazi. USirayeli wayenendawo enye yokuhlangana noThixo. Hayi kwi. . . UThixo uneNdawo enye, namhlanje, Athi Yena—Yena uhlangana nomnquli; hayi eWisile, eBhaptizi, okanye kwaMoya. Uhlangana nabo phantsi kweGazi. Leyo kuphela kwendawo ebonelelweyo uThixo anayo; hayi kumbutho, hayi kumanyano. Kodwa eGazini kulapho uYesu Kristu ahlangana khona nomnquli Wakhe. “Xana Ndibona iGazi!” Leyo yindlela ebonelelwe nguThixo.

⁷⁶ Emva kokuba ibandla laliqinisekile ngokupheleleyo, xana laMbonayo, ukuba WayenguMesiya!

⁷⁷ Xana umfazi omncinane equleni, xa wayedinga uMsindisi, wayedinga into yokubonisa. Wayekhe waya enkonzweni nayo yonke enye into, kwaba babeyibonile le mvumo nkolo kunye nalaa mvumo nkolo, wada, wajika waba lihenyukazi. Yamjikela esitratweni. Ngenye imini, wayesiya kukha ibhakethi lamanzi, malunga nentsimbi yeshumi elinanye emini, kwaye nako kuhleli indoda; umYuda apha phezulu, kolu mboniso ubanzi umncinci. Uye wathi. . .

⁷⁸ Wathi xana esiya kuthoba ibhakethi lakhe phezu kwesijijo, ukuze afumane amanzi, weva iNdoda isithi, “Mfazi, ndizisele Ndisele.” Waze wathi. . .

⁷⁹ Wajika ngokukhawuleza, ecinga ukuba UngumJuda nje oqhelekileyo, kuba Wayengumntu nje ngokubhekisele kumzimba. WayeyiNdoda; etyayo, eselayo, elalayo, njengoko sisenza. Wayengumntu kangako de Wayenakho ukuba afe, kwaye ukanti WayenguThixo. Ngoko sifumanisa ukuba, ukuba xana. . .

⁸⁰ Wathi “Asiyonto iqhelekileyo kuni maYuda ukucela amaSamariya izinto ezinjalo.”

⁸¹ Wathi, “Kodwa ukuba ubusazi ukuba uthetha naBani, ngewucela kuM into eselwayo.” Wathi, “Hamba uye kulanda umyeni wakho uze apha.”

Wathi, “Andinamyeni.”

⁸² Wathi, “Uthethe inyaniso. Unesihlanu, kwaye le uhlala nayo ngoku asiyoyakho.” Yintoni eyenzekayo? UThixo wayembonelela okuthile.

⁸³ Wathi, “Mhlekezazi, ndiyabona ukuba ungumprofeti wena. Siyazi ukuba xa uMesiya efika, Uyakusixelela ezi zinto. Nantso into Ayakuyenza. ILizwi litsho njalo. Siyayikhangela. Ndiyagula kwaye ndidiniwe yiyo yonke le nto, iimvumo nkolo zabo nezinto ezinjalo, abaFarisi, abaSadusi, namaHerode, nokuba yintoni na enokuba yiyo. Kodwa siyazi ukuba uMesiya uyeza, xana Efika. Uthini Wena ngayo?”

⁸⁴ Wathi, “NdinguYe.” Amen! UThixo wabonelela indlela. Washiya imbiza yamanzi, umfazi otshintshileyo, wabaleka wangena esixekweni, wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endizenzileyo. Lo asinguye na uMesiya?”

⁸⁵ UPetros, ephulaphule ibali lika Andrey, kwaye amaxesha amaninzi wayephulaphule, weva u-Andrey ethetha ngoYohane esazisa uMesiya, neNdoda, nazo zonke ezi zinto zisenzeka. Yonke loo nto yayingumnqa kuPetros. Kodwa ngenye imini weza no Andrey, ukuza kubona uYesu. Kwaye xana wafika eBukhoni Bukho bukaYesu, uYesu wamjonga, waze Wathi, “Igama lakho unguSimon, kwaye ungunyana kaYona.” UThixo wayebonelele ngendlela uPetros ukuze abone ukuba Wayengubani na. Wayenguloo Mesiya.

⁸⁶ Ngoku sifumanisa, ukuba emva kokuba uYesu efile, kwaye wenyuka waya eZulwini, iBandla lalidinga aMandla, ukuze libe lingqina. UThixo wabanika iPentekoste. Wababonelela ngePentekoste.

⁸⁷ Amawaka amabini eminyaka agqithile, zihlobo. Amawaka amabini eminyaka agqithile. Kule mihla yokugqibela, sifumene njena, umntu ungene kwinkqubo yobuKristu waza waBugqwetha kwakhona, waBuxuba kwiimvumo nkolo, amabandla, amahlelo, iintetho zobungqondi, ade aMandla kunye neyona nto iyinyaniso yeVangeli kaKristu ilahlekile. Kwaye silapha kunye neLizwi elithenjisiweyo lale mihla yokugqibela, kuyakwenzeka ntoni na, kuyakwenzeka ntoni na; umntu akaYikholelwa. Bamkile kuYo. Uyababuza ukuba bangamaKristu na; yithi, “Ndingokanje-na-nje.” Oko akuthethi kwanto. Umelwe kukuba ube ngumKristu ngokuzalwa. Ngoku siyifake yonke into eBhabheli kwakhona, emva kwamawaka amabini eminyaka.

⁸⁸ IBandla namhlanje lidinga aMandla neNyaniso, kwakhona. Owu! UThixo wamvusa uNyana Wakhe, ukuze oku kube nokunyamekelwa, kuba Wathi, “Liselilifutshane ixesha ukuze ihlabathi lingabi saNdibona; kanti nina niyakundibona Mna, ngokuba ndiyakuba nani, ndibe kuni.” Sifumanisa ukuba, kumaHebhere 13:8, “Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.”

⁸⁹ Sifumanisa, kuMalaki 4, ukuba Wasithembisa uMyalezo ngemihla yokugqibela, oko kuya “kubuyisele uKholo lwabantu lubuyele koobawo kwakhona.” Wayithembisa, ngemihla yokugqibela.

⁹⁰ Waphinda wathembisa, kuYohane 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uya kuyenza naye. Kwanangaphezulu koku, nangaphezulu kunale, uyakukwenza, ngokuba Mna ndiya kuBawo.”

⁹¹ Wayethetha ngenye imini. Bathi, “Nkosi, sibonise umqondiso.”

92 Wathi, “Isizukulwana esibuthathaka nesikrexezayo sifuna umqondiso.” Eso sisizukulwana esiphila kuso namhlanje. Wathi, “Kwaye ndiya kubanika umqondiso. Kuba njengoko uYona wayesisiswini somnenga, iimini ezintathu nobusuku bazo, umelwe kukuthi abe sembilinini womhlaba uNyana womntu, iimini ezintathu nobusuku bazo.”

93 Luhlobo luni lomqondiso esiya kuwufumana isizukulwana esingendawo nesikrexezayo? Umqondiso wovuko. Kwaye yiloo nto esiyithenjisiweyo namhlanje, umqondiso wovuko wokuba Usaphila, Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

94 Wathi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaLothe,” njengoko besihamba ngayo phezolo. “Ngemihla kaLothe, kwenzeka ntoni ngemihla kaLothe, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu.” Ezi zinto sizithenjisiweyo, zininzi ngakumbi iZibhalo. Ukuyeka ukuthatha ixesha . . . “Ixesha elincinane kwaye ihlabathi alisayi kuba saNdibona. *Kosmos*, ‘ulungelelwano, isigaba sebandla,’ abasayi kuNdibona kwakhona. Kanti nina niya kuNdibona, ngokuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwesigaba.” “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Ingaba yintoni? Ngumqondiso obonelelwe nguThixo, indlela ebonelelwe nguThixo.

95 U-Abraham elindele unyana. Umqondiso wokugqibela awayubonayo ngaphambi kokutshatyalaliswa kweeNtlanga, wayinguThixo ebonakaliswe esenyameni yomntu, wayezazi iimfihlelo zentliziyo kaSarah xa wayesententeni. UYesu wathi, “Okokuyakubuya kwakhona ekuzeni koNyana womntu.” Mzalwana, dade, ndiyakholwa ukuba siphila kuloo mhla. Ndiyakholwa ukuba le yimini yedinga.

96 Kuya kufuneka ube nokholo kwinto oyenzayo. Ukuba awunalo ukholo, ukuba uthatha nje ngokuqikelela . . . Igama elithi *qikelela*, ngokutsho kweWebster, lithetha ukuthi, “ukudela ingozi ngaphandle kwegunya.” Kodwa xa iLizwi lithembisa oko, aze uThixo eme emva kwela Lizwi, awuphindi uqikelele. Wenza kanye oko uThixo wathi kwenze, kwaye Unyanzelekile ukuba aYixhase.

97 Omkhulu, odumileyo, u—umvuseleli, kwiminyaka emininzi eyadlulayo, ndambona xana ndandiyinkwenkwe encinane, yayinguPaul Rader. Wabalisa ibali, ngenye imini, elahlala linamathele kum. Wathi, “Ngenye imini, sasigawula iinkuni.” Wayengumgawuli wemithi, phezulu e-Oregon, wathi umphathi wamxelela ukuba anyuke aye encochoyini yenduli. Wayephupha. Apho wayekho ngokwenene, ngelo xesha, wayesezantsi eziqithini; waze wanomkhuhlane, eshushu kakhulu, kwaye wayesifa. Baya kufuna ugqirha, kodwa kwakukude ngeemayile neemayile, ngephenyane.

98 Ngaphambi kokuba ugqirha afike phaya, uPaul waqalisa ukunyamalala, egula ngakumbi. Wabiza umfazi wakhe

othembekileyo. Wathi, “Sithandwa, kuya kuba mnyama egumbini, kubamnyama, kuyavalwa.” Kwaye wabuyela ekufeni isiqaqqa.

⁹⁹ Kwaye akwenza njalo, wathi waphupha, xa wayekokukufa isiqaqqa, okokuba umphathi wakhe wamthuma ukuba aye kugawula umthi othile. Wawufumana umthi, wawuwisa umthi, wafaka izembe lakhe kuwo, waza wehla ukuba awuphakamise. Wayengakwazi nje ukuwuphakamisa. Wathi amandla akhe ayephelile. Wayengakwazi nje ukuwuchola. Wathi, “Bonke ubungakanani baloo mthi, ngokuqinisekileyo ndingakuphakamisa oko. Makhe ndizame kwakhona.” Waye wehla waphakamisa, wasebenza nje wade wadinwa. Wahlala phantsi ecaleni komthi, waze wathi, “Andazi nje ukuba ndiyakwenza ntoni. Umphathi ufuna lo mthi phaya ezantsi enkampini, kwaye ndibuthathaka kakhulu ukuba ndingawuthoba.”

¹⁰⁰ Wathi weva elona Lizwi limnandi wakha waliva, yayingumphathi wakhe lowo wathethayo; kodwa wathi, xana waphethukayo ukuba abone ukuba ngubani na umphathi wakhe, yayiyiNkosi uYesu. Wathi, “Paul, yintoni le ulwa nayo kangaka? Uhlutshwa yintoni? Uyawabona la manzi abaleka phaya?” Wathi, “Kutheni ungavele ulahle isigodo emlanjeni, kwaye usikhwele wehle? Sikhwele uye enkampini.”

¹⁰¹ Watsibela kwisiqobo waza waqalisa ukwehla phezu kwamaza, ekhwaza kumphezulu welizwi lakhe. “Ndikhwele kuso! Ndikhwele kuso!”

¹⁰² Mzalwana, dade, uYesu Kristu wathembisa ezi zinto ukuba ziya kwenzeka ngemihla yokugqibela. Ndiyakholelwa ukuba sihlala apha. Ndiyakholwa ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Andazi ukuba kwenzeke njani, kodwa ndikhwele kuLo. Ndiyakholwa ukuba LiyiNyaniso, ngokuba LiyiVangeli, indlela ebonelelwe nguThixo. Ndiyakholwa nguMyalezo weyure, ixesha esiphila kulo. Yindlela ebonelelwe nguThixo. Ndikhwele kuLo!

Awunakutsibela kuyo kunye nam, ngelixa sithoba iintloko zethu?

¹⁰³ Bawo waseZulwini, sikhwele singena eBuqaqawulini phezu kweLizwi Lakho. Siyakholwa ukuba iLizwi Lakho liyiNyaniso. Owu Thixo, yanga yonke indoda nomfazi, ngobubusuku, bangaqabela eLizwini, kwaye bakhumbule, njengoko behamba besihla ngohambo, banokuvuma, “Ndikhwele kwisithembiso sikaThixo. Iyakundisa kanye eBuqaqawulini. Yindlela endibonelelwe ngayo nguThixo namhlanje. ‘UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.’”

¹⁰⁴ Uthi, “Selilixesha elifutshane ihlabathi alisayi kuba saNdibona, nina niyakuNdibona; kuba ndiya kuba nani,

nangaphakathi kuni.” Usithembisile, Nkosi, siyakukubona Wena.

¹⁰⁵ AmaGrike eza, ngaxesha lithile, athi, “Bahlekazi, singa singabona uYesu.” Kwaye balinikwa elo lungelo. Kwaye ngobubusuku, Nkosi, sifuna ukuKubona, nathi. Ngumnqweno weentliziyo zethu. Akukho mntu unokuze eve ngaWe, ngaphandle kokuba ufuna ukuKubona. Ke ukuba la maGrike avunyelwa ukuba aKubone, ube Wena usibonelele ngendlela yokuKubona, Uhlala usenza indlela ngokuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Umkhonzi wazisa la maGrike eBukhloneni Bakho, kwaye bafumana ukuKubona. Siphe ilungelo elinye ngobubusuku, Bawo. Sanga thina, njengabakhonzi, singazisa aba baphulaphuli eBukhloneni Bakho. Kwaye sanga singabona uYesu, ngokuhlwanje, Okwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Siphe oko, Nkosi.

¹⁰⁶ Sindisa abalahlekileyo, Nkosi, ukuba kukho indoda, umfazi, inkwenkwe, okanye intombazana. Xa sibona isizwe sakowethu singcoliswe kangaka ngababulali naba nqumli-mqala, nabagqwethekileyo, nokubona ukonakala esizweni namhlanje! Nokubona ubuqhophololo emabandleni, nokubabona bekhokelela kola xhelo lobucawa phezulu phaya, kuba abahambi ngendlela ebonelelwe nguThixo! Bahamba ngendlela yemvumo nkolo ethile endaweni yokuza ngeLizwi.

¹⁰⁷ Thixo, sithandazela ukuba awakwenene, oqobo, amaKristu azelweyo, njengoko ndibonisile, ngokuba ngamadada enene, bona... “Izimvu zam ziyaliva iZwi laM, owasemzini aziyi kumlandela.” Nkosi, iZwi Lakho liLizwi. Oko kwahlala kuyindlela Yakho ebonelelwe iBandla nabantu, liLizwi Lakho. “ILizwi Lakho liyiNyaniso.” Kwaye Wena uliLizwi. Kwaye iBhayibhile iyasixelela, “Ilizwi likaThixo libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, ngumcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo.”

¹⁰⁸ Kwakutheni ukuze uSirayeli angamboni uMesiya wabo, xana babonayo ukuba Wayelelo Lizwi, xa Wayenokucalula iingcingane ezisentliziyweni yabo? Kutheni bengazange? Babekuqonda oko ngabaprofeti, ukuba abaprofeti babenako; kodwa xa inzaliseko kaThixo yenziwa yaba nguNyana Wakhe, waza waphila phakathi kwethu, emva koko basilela ukuyibona ngenxa yokuba babemfanyekisiwe.

¹⁰⁹ Nkosi, abo banamehlo abo evulekile, ngobubusuku, sanga singabona uYesu phakathi kwethu. Wanga wonke umntu ogulayo angaphiliswa. Kwanga oku kungakugqiba, Nkosi, ukuba bangaze, bangabi saphinda, ukusukela ngale yure ukuya phambili... kodwa bayakukholwa ukuba UnguMesiya. Beza ngendlela kaThixo. Abaninzi babo balapha, ngobu busuku, besifa. Baninzi apha, ngobu busuku, mhlawumbi abasayi

kuba lapha kwiveki ukusuka namhlanje, ukuba Wena, uncedo Lwakho alufiki.

¹¹⁰ Ngoku, Bawo, Unoxanduva kuphela koko Wakuthembisayo. Kodwa Wathembisa ukuba siyakuKubona. Wathembisa ukuba oko Ukwenzileyo siyakukwenza nathi. Le yiyure. Ndiye ndayivuma; Ndiyayikholelwa. Ndikuvile usitsho njalo; ILizwi Lakho litsho njalo. Uyayiqinisekisa. Ndiyazi ukuba yinyani. Ngoku makwazeke, Nkosi. Kubhaliwe kwathiwa, makwenzeke ngoku, ngenxa yoBukumkani bukaThixo. Amen.

¹¹¹ Andikholelwa ukuba siyakubiza umgca wokuthandazela. Ndiyakholelwa ukuba ndiza kuyisebenzisa ukusuka apha.

¹¹² Bangaphi kuni abagulayo? Ngoku ninga . . . Ubambe isandla sakho, ungqina ukuba uyagula.

¹¹³ Bangaphi kuni abaya kungqina into enye, “Mzalwana uBranham, andisindiswanga ngenene”? Ungasiphakamisa isandla sakho, “Ndithandazele”? UThixo akusikelele, wena. Ilungile lonto. Yiloo nto . . . UThixo akusikelele. “Andisindiswanga.”

¹¹⁴ Ngoku, wena uphakamise izandla zakho, nawe ungakange, “Kodwa, Mzalwana uBranham, ngenene ndifuna ukusindiswa. Yintliziyo yam. Ndiyakholelwa ukuba akukho nto iseleyo kuye nabani na emhlabeni.” Yintoni enye, yintoni onokuyizusa, enokuba nkulu kunosindiso lwakho? “Ndithandazele. Ndifuna ukusindiswa.” Ungasiphakamisa isandla sakho, kuso sonke isakhiwo, naphi na, “Ndifuna . . .”?

¹¹⁵ Bangaphi kuni abangazange bamamkele uMoya oyiNgcwele, yithi, “Ndiyazi ukuba ndimelwe kukuMamkela”? Phakamisani izandla zenu. “Andenzanga; Ndiyafuna.” Kulungile, kukho abaliqela abangenawo.

¹¹⁶ Ngoku, uKristu uyaligcina iLizwi Lakhe, kwaye umelwe kukugcina ukholo lwakho kuYe. UliLizwi. Ngoku, amaHebhere isahluko se-4, athi ukuba, “iLizwi likaThixo,” elinguKristu. UKristu uliLizwi. Niyayazi loo nto nonke? Yithi, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yena uliLizwi, “ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Oko Wayekuko kuMoses, Wayekuko ku-Eliya; oko Wayekuko ku-Eliya, Wayekuko kuYohane; Oko Wayekuko kuYohane, WaZigqibezela ku—kuYesu. Kwaye namhlanje Usekwanjengoko Wayenjalo ngoko, kwaye IseliLizwi likaThixo eliprofetiweyo ngalo mhla, nto leyo iMenza ukuKhanya okukhanyiselayo kungqinele iLizwi ledinga.

¹¹⁷ Sikwixesha lesiphelo, zihlobo. UYesu ukho. Ndiyazi ukuba uyivile loo nto.

¹¹⁸ Kungathini ukuba awuzange ubone, ebomini bakho, kwaye awuzange ube noluvo lokubona, akukho mntu wenza, kodwa rhoqo ngaxesha lithile uva ngokuvakalelwa ubushushu

obufudumeleyo? Kwaye ndinokubona, bendinokubona, kwaye bendinokuxelela ukuba yayililanga. Uthi, “Andazi ukuba kwenzeka njani, kodwa ndifumana imvakalelo, njengokufudumala, unokuziva.”

Ndithi, “Lilanga elo.”

“Yintoni ilanga?”

“Kukukhanya.”

“Yintoni ukukhanya?” Konke kuya kuba lihlabathi elitsha kuwe.

¹¹⁹ Kodwa kungathini ukuba bendikuxelele ukuba uYesu Kristu umi apha ngoku? Kungathini ukuba bendithe kuwe Uphakathi kwethu? Wayithembisa. “Apho ababini okanye abathathu bahlanganisene khona eGameni laM, Ndiphaya phakathi kwabo. Ndikho!” Ngoku mhlawumbi yiNyaniso, kum, *Le* yiNyaniso yonke, okanye Ayiyiyo nayiphi na iNyaniso. *Oku* mhlawumbi kuLungile, okanye akulunganga.

¹²⁰ Ngoku, malunga nokukusindisa, Wakwenza oko xa Wafa eKhalvari. Ukukuphilisa, Wakwenza oko xana Wafa eKhalvari. Uyakholwa yiloo nto. ILizwi lathi Wayenza.

¹²¹ Ngoku inye kuphela into Awayenokuyenza, ukuba Wayemi apha e—enxibe le suti, Awandinika yona, ibiyakungqinela kuphela kuwe ukuba wayenguMesiya.

¹²² Hayi ngamanxeba ezikhonkwane esandleni Sakhe. Nawuphi na umhanahanisi angayenza loo nto, abeke amanxeba ezikhonkwane, negazi ebusweni bakhe, namaphawu nezinto ezinjalo. Oko kunokwenziwa. Oko beku. Abantu abaninzi bade babethelelwa njengaYe. Ako ayikuko.

¹²³ Kodwa uBomi Bakhe, into eyayingakathi kuYe! “UNyana akanakwenza nto, ngoKwakhe, engathanga abone uYise ekwenza.” BuBomi obathi, ngaphakathi kuYe, obathi baqondakalisa. Hayi ngenxa yokuba WayengumJuda awathi umfazi omncinane equleni wakholwa kuYe ukuba unguMesiya; ngokuba Wayenokucalula iingcinga ezisentliziweni yakhe, oko kwaMenza uMesiya. Ukuba leyo yayiyindlela Awayezazisa ngayo uMesiya kwimihla eyadlulayo, leyo yayiyindlela Yakhe ebonelelweyo yokuzenza ukuba Aziwe. Leyo yindlela Yakhe ebonelelweyo, ngokweSibhalo, yesi sigaba. Uyayikholelwa loo nto?

¹²⁴ Ngoku, ngamnye kuni apha, ndingowasemzini. Ndiye ndabhekabheka, andiboni mntu ndimaziyo. Wonke umntu olapha, ongandaziyo, kwaye owaziyo ukuba andazi nto ngawe, phakamisani izandla zenu. Zigcwele, yonke indawo. Lo mntu ulele apha kule bhedi, uphakamise isandla sakhe. Ebengandazi. Akukho mntu undaziyo.

¹²⁵ Kodwa khumbula, uThixo uyakwazi. UThixo uyakwazi. Ngoku, ukuba Uyangqina ukuba Ulapha.

“Yintoni, Mzalwana uBranham?” Sisipho.

¹²⁶ Yintoni isipho? Siyintoni isipho, kakade? Hayi ukuthabatha into kwaye usebenzise into, uthi, “Ndinesipho sokuphilisa! Ndiyaphuma ndiphilise *lo*, ndiphilise *lowa*.” Ukuba bendikwazi, ngokuqinisekileyo bendiya kuyenza. Ngoku, si, kodwa, isipho, sona, wena—wena, usitolika ngokuphosakeleyo isipho, *isipho* nje kuku “zikhuphe endleleni kwaye uvumele uMoya oyiNgcwele akusebenzise.” Yabona? Eso sisipho.

¹²⁷ Yiloo nto umlungiseleli ayiyo. Akayishumayeli into afuna ukuyishumayela. Uzikhupha nje endleleni, sisipho, kwaye impefumlelo iyeza, kwaye yena—yena uthetha ngempemfumlelo kaMoya oyiNgcwele. Nasiphi na esinye isipho yindlela ekwanye. Ngoku, izipho zolungiselelo, na njalo njalo, bezinjalo. Kukho, okokuqala, kwizipho ezinikwe nguThixo, nga, “okokuqala ngabapostile, abaprofeti, abafundisi, abelusi, nabavangeli.” Zii ofisi ke ezo. Zizipho zethu ezo.

¹²⁸ Ngoku, uYesu Kristu wathembisa ukuba Uyakukwenza oku ngemihla yokugqibela. Ukuba Uyayenza, ukuba Uyayithembisa loo nto kwaye uyakuyenza, bangaphi abayakukholwa baze baMamnkele, ngokuhlwanje? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndiyakumamkela Yena.” Bangaphi apha ngoko... Enkosi. Bangaphi apha abangazange baye kwenye yemihlangano ngaphambili, phakamisani izandla zenu. Bethu, phantse isiqingatha sesihlewele. Bangaphi abakhulwayo, phambi kokuba Ayenze, niyakholwa nakanjani na? UThixo akusikelele.

¹²⁹ Ngoku khangela. Ukuba ndinixelele iNyaniso, uThixo umelwe kukuthi andiphendule. Uyakuyenza. Ubeka aMazwi Akhe emlonyeni wakho kwaye Ayenzeka. Injalo loo nto, NgaMazwi Akhe, Limelwe kukwenza loo nto. “Ndithumele iLizwi laM, aliyi kubuya lilambatha.”

¹³⁰ Ngoku, ukuba bendinokuphilisa, bendiya kuyenza loo nto. Kanye njengobekekileyo, ongasekhoyo, uMzalwana Upshaw ebesithetha ngaye. Laa ndoda indala ihleli phaya emva kweso situlo esinamavili, ndoda endala ekhaliphileyo, ngendamphilisa ukuba bendinako. Ndaqalisa ukulishiya iqonga, ngokuphandle, ndaza ndajika ndambona embonweni, ehamba, ehamba. Ndambiza, ndamxelela ukuba yayiyintoni na, yayiyiloo nto ke. Waphakama wahamba, weza eqongeni, wachukumisa iinzwane zakhe, emva kokuba sisiqhwala iminyaka engamashumi amathandathu anesithandathu. Yabona?

¹³¹ Kwangobo busuku, inenekazi elintsundu, kunye nosana lwalo, ezantsi phaya ecaleni. Ndathi, “Ndibona u—ugqirha onxibe iiglasu zamehlo, kwaye—kwaye uye watyanda kwencinane, intombazana entsundu, kwaye luyikhubazile ukusuka emqaleni wayo.”

¹³² Ixhegwazana elidala elintsundu, wawungenakulibamba ulisuse eqongeni. Lathi, “Nkosi, inceba, lusana lwam

olo!” Kwaye nanko esiza, iqela labancedisi lalingakwazi nokulibamba.

¹³³ Ndathi, “Anti, akuyi kunceda nto ukuza apha. Akunjalo . . . NguThixo lowo.” Ndathi, “Akuyi kunceda nto ukuza apha. Kholwa nje.” Waza waguqa ngamadolo waqalisa ukuthandaza. Ndajonga ngaphaya kwabaphulaphuli kwaye ndabona indledlana, efana, ihamba. Ndabona intombazana encinci entsundu inonodoli ezingalweni zayo, isihla ngendledlana. Ndaze ndajonga kulaa ntombazana incinane, intombazana entsundu, ndajonga ngasemva, kwaye yayisekwayileya. Ndathi, “Iphendulwe.” Yaphakama, yasuka kude nebhedlani. Yabona?

¹³⁴ NguThixo. Yabona? NguThixo. Yabona? Akakwazi . . . Akukho mntu unokuphilisa. Lukholo lwakho kuThixo.

¹³⁵ Ngoku, iBhayibhile itshilo ukuba unguMbingeleli oMkhulu, khona ngoku, onokuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu. Uyayikholelwa loo nto? UMBingeleli Omkhulu! Ngoku, ukuba unguMbingeleli oMkhulu, Unokwenza njani? Ukuba isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade, Ubeya kwenza okukwakunye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

¹³⁶ Ngoku thandaza, kwaye uvumele uMoya oyiNgcwele ngoko . . . Yithi kuThixo, “Thixo, le ndoda imi phaya ayindazi, kodwa into Ayithethayo iyavakala. Usenguye. Wena unguKristu. Ndiyagula. Ndidinga. Kwaye ukuba Undivumele nokuba . . . Ukuba andinalo ukholo lokuyenza, vumela umntu endimaziyo abe nokholo, kwaye yiyeke . . . Uyabiza kwaye uvumele—vumele—vumele mna okanye laa mntu achukumise umqokumbelo wengubo Yakho eBuqaqawulini. Emva koko ukuba ithe yasuka endleni loo ndoda, ngoko Sebenzisa umlomo wayo uthethe, kwaye wenze nje ngendlela enye Owayenza ngayo xa Wawusemhlabeni. Ndiyakuyazi ukuba Usenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.”

Masithobe iintloko zethu ngoku.

¹³⁷ Nkosi Yesu, ukujika kubuvangeli ukuya kumsebenzi wobuprofeti, kodwa noko ndiyakholwa kuWe, Nkosi, Wakuthembisa oko. Kwaye ndiyathandaza ukuba Uyakuyinikeza, ngokuhlwanje. Siphe oko. Ndiva. Xa esi sihlelele sisimka apha, ngobubusuku, kwaye sigoduke, sanga singatsho njengabo babevela e-Emawusi, “Intliziyo yethu ibingavuthi na ngaphakathi kwethu njengoko Ebethetha nathi endleleni?” UYesu wawuswa kwabafuleyo; bebengayazi. Babethetha naYe; bebengayazi. Kodwa xana Wabafumana endlwini, waluvula ucango, ngoko Wenza into ethile ngendlela Awayenza ngayo ngaphambi kokubethelelwa Kwakhe emqamlezweni. Oko kwawavula amehlo abo. Babona ukuba yayinguYe. Kwakhona, Nkosi, zanga iintliziyo zethu zingavutha njengoko sisiya ekhaya ngokuhlwanje, njengokuba zenjenjalo ezazo. Kuba siyazi ukuba Uthethe nathi endleleni. Yenza izinto, ngobu busuku,

Owazenzayo xa wawusemhlabeni, ngokuba Usenguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

¹³⁸ Ngoku yiba semthandazweni ukholwe nje. Masingcwalise *eli* cala, kuqala. Akunamsebenzi nokuba uphi na, esakhiweni, kholwa kuThixo. Ndingqwenela ukuba wonke umntu abe nentlonipho yokwenene ahlale ethule, athandaze.

¹³⁹ Oku akunakwenzeka ngokupheleleyo. Bendithetha ngale ntsasa, kwisidlo sakusasa sabalungiseleli, “indida.” *Indida* ayikholeleki, “into engakholelekiyo, kodwa ukanti iyinyani.” Uyazi ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuma apha athethe into ethile kweso sihlwele, kubantu endingabaziyo, kuya kufuneka ukuba kube yindida. Yinto engenakucaciswa. Andazi ukuba Uyakwenza. Ndiyathemba nje ukuba Uyakwenza, ndithemba ukuba Uyakwenza.

¹⁴⁰ Ngoku thandaza nje, uthi, “Nkosi Yesu, ndifuna ukuchukumisa ingubo Yakho, kwaye ndi—ndinesidingo. Ndiyakuthembisa Wena, Nkosi, ndiya—ndiya kuKukhonza ubomi bam bonke.” UThixo ufuna ukuba uguquke. Ukuba awuguqukanga; guquka, uthi, “Ndifuna ukuguquka, Nkosi. Ndifuna Undiphilise. Ndifuna ukuba Undisikelele. Ndiphilise ngoku Nkosi. Ndingumkhonzi Wakho.”

¹⁴¹ Bendihamba... Ingaba uwakhuphile amakhadi okuthandazelwa namhlanje? Bendizakumbuza uBilly okokuba... Ukuba akayenzi, ndingabiza umgca wokuthandazela. Kodwa abakhange bakhuphe amakhadi okuthandazelwa namhlanje. Hlala nje ngentlonelo, kholwa.

¹⁴² Ngoku, eGameni likaYesu Kristu, ndithabathela wonke umoya olapha phantsi kolawulo lwam, ukwenzela uzuko lukaThixo, ukuze iLizwi Lakhe laziwe, ukuze ngoMhla woMgwebo singabi nakuziphendulela.

¹⁴³ Ngoku khangela ngale ndlela, kwaye ukholwe ngoku. Thandaza ngentliziyo yakho yonke, kwaye uthandaze nje, kwaye ngokuthobeka, musa ukulwa kuYo, phumla nje, kwaye uthi, “Nkosi, Wenze idinga. NdiyaKukholelwa.” Yiloo nto ekufuneka ndiyenze.

¹⁴⁴ Ndiyazi akukho mfuneko yokuba ndikubuze. Bangaphi abakhe bakubona oko kuKhanya? Masibone. Niwubonile umfanekiso waKo. Masibone izandla zenu, owakhe wawubona umfanekiso waKo. AkuKuboni kanye phaya? Yabona, ngomnye ummango. Kukanye phezu kwela nenekazi.

¹⁴⁵ Uhlutshwa kukukhathazwa yimilenze nomqolo. Yena... Uyakholwa ukuba uThixo angakuphilisa, dade? Uchukumise ntoni? Akundazi, kodwa uchukumise Okuthile. Ukuba iNkosi uYesu iyakundixelela ukuba ungubani na, ingaba loo nto iyakwenza ukuba ukholwe ngeono? UnguNksk. Phillips. Ukuba oko kunjalo, yima ngeenyawo zakho. Konke kulungile. Ingaba ndingumntu ongaziwayo kwaphela kuwe? Phakamisa isandla

sakho ukuba oko kunjalo. Andizange ndambona ebomini bam. Uchukumise ntoni? Hamba uye kuthetha nalaa mfazi, emva koko. Iintlungu zimkile zonke ngoku. Ulungile. Ungagoduka uphile.

¹⁴⁶ Nali inenekazi, kanye emva kwakhe phaya. Unengxaki yokuphazamiseka kwemithambo-luvo. Owu Thixo, ukuba akenzi njalo... Igama lakhe nguNksk. Star. Kholwa, uYesu Kristu uyakukuphilisa. Yima ngeenyawo wamkele impiliso yakho. Ukuba ndingowasemzini kuwe, wangazelisa izandla zakho. Ukuphakuzela kwakho kuphelile. UYesu Kristu uyakuphilisa.

¹⁴⁷ Yintoni Awayithembisayo? Wayithembisa. Uyakholwa?

¹⁴⁸ Kukho inenekazi kanye emva kwakhe, lihleli phaya. Liyathandaza. Linexhala, uneengxaki. Lifuna ukuyeka ukutshaya. Igama lalo nguNksk. Bordon. Phakama, Nksk. Bordon. Imidiza yakho iphelile. UYesu Kristu uyakuphilisa. Andizange ndambona la mfazi ebomini bam.

¹⁴⁹ Uyakholwa? Ngoku uyazi ukuba andinakuyenza loo nto. Lowo nguYesu Kristu. Ingaba yintoni? "ILizwi liyakhawuleza, linamandla, ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, liyazicalula iingcingane nezicamango zentliziyo." LiLizwi, uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Akunakukukholelwa oko?

¹⁵⁰ Apha, nantsi indoda ihleli ngapha, ineqhubu, ingxaki yentliziyo. Injalo lo nto. Andiyazi le ndoda. Andizange ndayibona. Kodwa ungumlungiseleli. UMFundisi, uMnu. Kinsey. Injalo lo nto. Uyakholwa, mhlekazi? Yima ngeenyawo zakho kwaye wamkele ukuphiliswa kwakho. UYesu Kristu uyakuphilisa.

¹⁵¹ Kakade, ungandenzela inceba, ekubeni ungumlungiseleli? Beka izandla zakho phezu kwenkosikazi yakho, ikhathazwa yingxaki yezintso, nengxaki yesibindi, ubunzima obugqithisileyo, kunye neengxaki. Beka izandla phezu kwakhe. Iyakumshiya, ukuba uyakholwa.

¹⁵² Yithi, kukho indoda ehleli kanye emva kwakho, isityekelwe kukufa. Inomhlaza. Indoda ikhathazwa lithumba, umhlaza, uvalo. Igama lakhe nguMnu. Young. Kholwa ngoku. UYesu Kristu uyakuphilisa. Uyayikholelwa? Ingaba uyayamkela? Kulungile, mhlekazi.


¹⁵³ Nantsi indoda ilele apha kolu mandlalo. Mhlekezi, andikwazi. Ukuba bendinokukuphilisa, bendiya kuyenza. Ndingowasemzini kuwe. Uze ngayo yonke le ndlela. Wenze umzamo wokuza apha. Awunako ukufihla into engalunganga kuwe; kodwa andikwazi ukukuphilisa. Uze apha nomfazi wakho. Nguye lowo uhleli apho enxibe la dyasi imbala wepesika. Injalo lo nto. Konke kulungile. Indoda isityekelwe lithunzi lokufa; ayinakuphila kuphela okwethutyana ngoku. Inomhlaza.

¹⁵⁴ Uyabandezeleka, nawe, dade. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba ukhathazwa yintoni? Yingxaki yakho yomqolo. Injalo lo nto. Ukuba kunjalo, phakama. Kulungile, yamkela impiliso yakho. Yikhholwe. Beka isandla sakho kumyeni wakho.

¹⁵⁵ Uyakholwa ukuba ndingumprofeti Wakhe, mhlekazi? Ukuba ulala apho, ngokuqinisekileyo uya kufa. Awunakuphila. Kuko konke. Oogqirha bakuncamile. Umhlaza ukudlile. Ndibone iimeko ezinkulu kunawe ziphilisiwe. Andikwazi ukukuphilisa. Kodwa ukuba uya kuyamkela kwaye uyikholelwe! Uyayikholelwa? Lithuba lakho ekuphela kwalo. Amaxesha akho okugqibela ayadlula. Uyayikholelwa? Ukuba wenza njalo, yima uphume kula bhedi. Phakama uphume apho, eGameni likaYesu Kristu! Yima ngeenyawo zakho uphiliswe, uhambe uphume apha, uzukisa uThixo. Umntu othile amncede phaya, mncede. Nanko emi ngeenyawo.

¹⁵⁶ Bangaphi apha abakholwayo? Phakamisani izandla zenu. Yimani ngeenyawo. Nonke nina nifuna ukuphiliswa, yimani, eGameni likaYesu Kristu. Phakamisani izandla zenu, mdumiseni uThixo. Mnikeni indumiso nozuko. Ngoku bulela iNkosi ngokuphiliswa kwakho, uYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade!

¹⁵⁷ Mzalwana, oogqirha bohlulekile. Le yindlela ebonelelwe nguThixo. Yikhholwe!

¹⁵⁸ Bangaphi abafuna ukwamkela indlela ebonelelwe nguThixo? Phakamisani izandla zenu nimdumise uThixo, nonke ngabanye, kwaye nikhholwe ukuba niphilisiwe, eGameni likaYesu Kristu. Amen. 

64-0206E Indlela Ebonelelwe NguThixo Ngalo Mhla
e-Kern County Fairgrounds
e-Bakersfield, e-California U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org